**Imiyalelo kutitshala:**

1. Fundela abafundi ngokucacileyo ungangxamanga.
2. Fundela abafundi umbuzo ngamnye kube kabini bejonge kwiincwadana zabo.
3. Mabangachazelwa abafundi imibuzo okanye imiyalelo.
4. Emva koko nika abafundi ithuba lokuzibhalela iimpendulo kwizithuba abazinikiweyo. Mabangakhokelelwa kwiimpendulo abafundi.
5. Xa begqibile qhubeka ufunde umbuzo olandelayo.
6. Yenza njalo kwimibuzo yonke ude ufike kowokugqibela.
7. Yenza nabafundi umsebenzi wokuziqhelisa.

**Imisebenzi yokuziqhelisa:**

1. Beka uphawu (**x**) kunobumba okwibhokisi engentla kwempendulo echanekileyo.
Le yi ...



| A | B | C | ~~D~~ |
|---|---|---|---|
| nja. | nkomo. | nkuku. | kati. |

Uphendule ngokuchanekileyo ukuba ubeke uphawu phezu ko'D'.

2. Landelelanisa izivakalisi ezisixelela ngendlela yokuhlamba amazinyo.
Nombola izivakalisi ngamanani 1-4 kwibhokisi echanekileyo.

| | |
|---|---|
| Manzisa ibhrashi. | |
| Pula umlomo wakho. | |
| Xukuxa amazinyo. | |
| Beka intlama yamazinyo kwibhrashi. | |

Uphendule ngokuchanekileyo ukuba ulandelelanise amanani ngolu hlobo: 1, 4, 3, 2.

3. Biyela unobumba osecaleni kwempendulo echanekileyo.

Ndithwala u …

A mqheba.

B mnqwazi.

C mnqayi.

D mnqweno.

Uphendule ngokuchanekileyo ukuba ubiyele u'B'.

Kuvavanyo lwakho uza kuphendula eminye imibuzo efana nale ugqiba kuyiphendula.

**Uvavanyo luqala kwiphepha elilandelayo.**

1.1 Jonga lo mfanekiso ulandelayo.

Biyela unobumba onempendulo echanekileyo.

Ngumfanekiso wantoni lo?



Ngumfanekiso wesi...

A hlunu.

B hlanu.

C hlangu.

D hlahla.

1.2 Jonga amagama asezibhokisini ezingezantsi.

Khetha igama elichanekileyo ulibhale kumgca ongezantsi komfanekiso.

| | | | |
|---|---|---|---|
| bhlawuzi | bhleyidi | bhloko | bhlukhwe |



…......…………………………..

1.3 Biyela unobumba onempendulo echanekileyo.

Uvuthela ntoni umqeqeshi webhola ekhatywayo?

A impompo

B impiko

C impempe

D impilo

1.4 Beka uphawu (**x**) kwibhokisi enempendulo echanekileyo.

Zaqhawuka izi...oboshi zeteletele.

| ph | th | sh | qh |
|---|---|---|---|
| | | | |

1.5 Beka uphawu (**x**) kunobumba okwibhokisi engentla kwempendulo echanekileyo.

Usa...o lwakwaMashiya lwalonwabile.

| A | B | C | D |
|---|---|---|---|
| ph | th | sh | qh |

Funda ibali uze uphendule imibuzo 2-8.

UMnumzana noNkosikazi Mashiya babehlala efama kunye nabantwana babo uSandile noLindiwe. UNkosikazi Mashiya noLindiwe babethanda ukucoca isitali samahashe baze babhake nezonka ezilafulafu yonke imihla. Usapho lwakwaMashiya lwaludla ngokundwendwelwa zezi ntsapho, eyakwaSmathe, eyakwaSodo neyakwaSinga. Abantwana babegada iinkuku namadada. Umnumzana Mashiya yena aluse iinkomo neegusha.

Ngenye imini usapho lwakwaMashiya lwalonwabele isidlo sepikniki. Lwalusitya itshizi, iitshiphsi kunye nenyama yegusha kwaza kwehla ingozi emasikizi. Iteletele yaqhawukelwa ziziqhoboshi yaza yehla kancinane endulini ukuya ezantsi. UMnumzana uMashiya wakhwaza elumkisa usapho. Yaqengqeleka yaya kutshona edamini. Usapho lwabaleka emva kwayo lwaya kutshona emanzini nalo.

UMnumzana Mashiya wafumana iinkabi zenkomo zokutsala iteletele. Bavuya bonke kuba kwakungekho mntu wenzakalayo.

[Yenzelwe iDBE]

2. Beka uphawu (**x**) kwibhokisi esecaleni kwempendulo echanekileyo.

Isihloko esifanele eli bali sithi ...

| | |
|---|---|
| Iteletele emileyo | |
| Iteletele ebalekayo | |
| Iteletele ebomvu | |
| Iteletele yendlela | |

3. Beka uphawu (**x**) kwibhokisi esecaleni kwempendulo echanekileyo.

Ngoobani ababenabantwana ababini? Ngoo...

| | |
|---|---|
| Mnu. noNksk. Mashiya. | |
| Mnu. Mashiya noNksk. Sive. | |
| Mnu. Mashiya noNksk. Siko. | |
| Mnu. Mashiya noNksk. Zozo. | |

4. Gqibezela isivakalisi:

Usapho lwakwaMashiya lwaluhlala e...............................

5. Landelelanisa iziganeko ngokwasebalini.

Nombola izivakalisi ngamanani 1-4 kwibhokisi echanekileyo.

| | |
|---|---|
| Usapho lwalonwabele isidlo sepikniki. | |
| Usapho lakwaMashiya lwaluhlala efama. | |
| Iinkabi zenkomo zatsala iteletele edamini. | |
| Abantwana babegada iinkuku namadada. | |

6. Beka uphawu (**x**) kwibhokisi esecaleni kwempendulo echanekileyo.

Iteletele yaqengqeleka isihla endulini kuba ...

| | |
|---|---|
| amavili ayemancinane kakhulu. | |
| yayineziqhoboshi ezitsha. | |
| iziqhoboshi zaqhawuka. | |
| amavili ayemakhulu kakhulu. | |

7. Beka uphawu (**x**) kwibhokisi esecaleni kwempendulo echanekileyo.

Kutheni le nto babonwabile bonke?

Bonke babonwabile kuba ...

| | |
|---|---|
| usapho lwatshona emanzini. | |
| akukho mntu wenzakalayo. | |
| iteletele yaqengqelekela edamini. | |
| USandile noLindiwe bahlala phantsi. | |

8. Phendula imibuzo engezantsi.

8.1 Ingaba yintoni oyithandayo okanye ongayithandiyo ngeli bali?

..............................................................................................................

8.2 Nika isizathu sempendulo yakho.

..............................................................................................................

9. Biyela unobumba onempendulo echanekileyo.

Leliphi igama elithetha into enye neli 'ukonwaba'?

A ukufunda

B ukubukela

C ukuvuya

D ukubaleka

10. Bhala impendulo echanekileyo emgceni.

Leliphi igama elisisichasi segama 'ukucotha'?

Isichasi segama ukucotha kuku....................................

11. Jonga igrafu uze uphendule imibuzo engezantsi.

| **Iimpawu zemozulu kaFebhruwari 2014** | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|
|  |  |  |  |  |  |
| Kushushu | Gqaba-gqaba ngamafu | Kuyana | Kusibekele | Iindudumo | Kukho umoya |

| Cawa | Mvulo | Lwesibini | Lwesithathu | Lwesine | Lwesihlanu | Mgqibelo |
|---|---|---|---|---|---|---|
|  |  |  |  |  |  |  |
|  |  |  |  |  |  |  |
|  |  |  |  |  |  |  |
|  |  |  |  |  |  |  |

[Yenzelwe iDBE]

11.1 Biyela unobumba onempendulo echanekileyo.

Yeyeyiphi inyanga le tshati yemozulu? Yeka...

A Matshi

B Epreli

C Febhruwari

D Juni

11.2 Beka uphawu (**x**) kwibhokisi esecaleni kwempendulo echanekileyo.

Zingaphi iintsuku ezishushu?

| | |
|---|---|
| A | 9 |
| B | 11 |
| C | 13 |
| D | 20 |

11.3 Biyela unobumba onempendulo echanekileyo.

Zingaphi iintsuku kuFebhruwari ka-2014? Zi ...

A 28

B 7

C 4

D 30

12. Biyela unobumba onempendulo echanekileyo ugqibezele isivakalisi.

Umnumzana Mashiya walusa iinkomo zikabani?

Walusa iinkomo ...................

A yakhe.

B yabo.

C lethu.

D zakhe.

13. Bhala kwakhona izivakalisi ezilandelayo.

Qala ngegama olinikiweyo.

13.1 UThandi udlala nenja yakhe.

Izolo..........................................................................

13.2 UBhongo uya evenkileni.

Ngomso..........................................................................

14. Bhala kwakhona izivakalisi.

14.1 Fakela iimpawu zobhalo **ezimbini** kwisivakalisi esingezantsi.

Utata uya ekapa

..........................................................................................................

14.2 Fakela uphawu lube **lunye** lobhalo kwisivakalisi esingezantsi.

Ingaba umntakwabo usahlala eMonti

..........................................................................................................

15. Isibizo ligama lomntu, lento okanye lendawo.

Jonga lo mfanekiso uze ubhale isibizo kwisithuba esishiyiweyo.



U........................................................ uhlala ehlathini.

16. Bhala umhlathi onezivakalisi ezi **5-8** ngalo mfanekiso ungezantsi. Qinisekisa ukuba usebenzisa iimpawu zobhalo, igrama, nopelo oluchanekileyo. Ungazinomboli okanye uziphinda-phinde izivakalisi.



..........................................................................................................

..........................................................................................................

..........................................................................................................

..........................................................................................................

..........................................................................................................

..........................................................................................................

..........................................................................................................

..........................................................................................................

**EWONKE: 30**